



USINDI



NENYANGA



Zanele Dlamini
Thokozani Mkhize
Wesley van Eeden





USINDI NENYANGA

Le ncwadi yeka







Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

USindi Nenyanga

(Sindi and the Moon)

Illustrated by Wesley van Eeden

Written by Zanele Dlamini

Designed by Thokozani Mkhize

Translated by Sihle Siko

with the help of the Book Dash participants in Durban on 7 November 2015.

ISBN: 978-1-77623-056-3


This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.




Zanele Dlamini
Thokozani Mkhize
Wesley van Eeden



USindi wayeyintombazana encinci edlamkileyo eyayithanda ukucula nokudanisa. Wayehlala efama nabazali bakhe kunye noMakhulu wakhe.

Wayekonwabela ukulandelelana noMakhulu nokupha izilwanyana ukutya.




Ngolunye urhatya xa uSindi nosapho lwakhe babesitya isidlo sangokuhlwa, umama kaSindi wayenento awayeza kumxelela yona. “Sindi,” watsho, “emva kweeholide ezinde zeKrismesi, uza kuya esikolweni.”

USindi wayenemincili kukuba ekugqibeleni wayeza kude afunde ukufunda nokubhala.





Xa uSindi onwabile,
wayedanisa. Ulonwabo
lwakhe ngoko lwanwenwela
kwizilwanyana zasefama. Izinja
zakhonkothela phezulu. Iinkomo
zaxakama kamnandi kakhulu.
Amabhabhathane aqhwaba
amaphiko awo aze ahlala
ezinweleni zakhe.




Xa uSindi wayedanisa, wayehexa
hexa ukusuka ngasekhohlo esiya
ngasekunene ngokungathi utyhalwa
aze atsalwe ngumoya. Wayecula nawo
ngomculo ozolileyo, ongangxamanga.



Njengokuba iiholide zaziphela emva kweKrismesi, uSindi waqala wacinga ukuba inokuba isikolo sasiza kuba njani. Waye engafuni ukuba umama wakhe azi ukuba uyoyika, ngoko ke wabuza uMakhulu ukuba isikolo sasiza kuba njani.

“Isikolo yindawo yokuzimisela kakhulu,” watsho uMakhulu. “Akukho xesha lokucula nokundanisa, kuyafundwa kuphela.” Oku zange kumonwabise nakancinci uSindi.



Ubusuku obuphambi kokuba
kuqale isikolo babutshisa kakhulu.
USindi zange nje abe nakulala!
Wachwechwa waphuma phandle
waze wahlala estuphini, ejonge
phezulu kwisibhakabhaka esimnyama.
Inyanga yayinkulu iqaqambile yaye
intle zaye iinkwenkwezi zazikhazimla.





USindi wathetha nenyanga entle.
“Nyanga eqaqambileyo
endiyithandayo,” watsho, “uyaboyika
ubumnyama? Ingaba yiyo le nto
ucela iinkwenkwezi zikuhlalise?”

“Ndiya esikolweni ngomso, kuza
kuba kunjani?”

“Ingaba baza kundivumela ukuba
ndicule? Ingaba baza kundivumela
ukuba ndidanise?”

USindi waqalisa ukucula. Awakubonayo emva koko kwamenza ukuba ahlikihle amehlo akhe engakholwa. Ingaba wayephupha? Inyanga yayincumile! Yaye iinkwenkwezi zazidanisela ingoma yakhe!





Ilizwi elizolileyo lathetha naye.


“Sindi omncinci endimthandayo,”
latsho ilizwi. “Isikolo yindawo
engummangaliso. Uza kufunda izinto
ezininzi: ukufunda nokubhala, ukucula
nokudanisa nokwenza abahlobo.”

“Kodwa okwangoku, Sindi kufuneka
uphumle. Ngomso kuza kuba kukuhle.”

USindi wayengazange ayibone into emangalisa ngolo hlobo. Wayefuna ukuvusa wonke umntu ababonise inyanga ethethayo neenkwenkwezi ezidanisayo.

Kodwa inyanga yamnqanda. “Shhhh, Sindi,” yatsho. “Yimfihlelo yethu encinci le.” Inyanga yaqoba iliso.

USindi wabuyela ebhedini, ethuthuzelekile ngamazwi obulumko enyanga, waza walala exolile.





Lafika ixesha lesikolo. UMama wabamba isandla sikaSindi njengoko bevelela isikolo.

Wayeqinisekile ukuba usuku lwaluza kuba luhle, kuba inyanga yayimxelele njalo.

Abantwana babefika noomama nootata babo. Bonke babebonakala bechulumancile. USindi wayesele engxamele ukwenza abahlobo.



Ngexesha lelantshi, uSindi wayethanda yonke into ngesikolo.

“Ndingwenela ukuba inyanga ingandibona ngoku,” watsho ngaphakathi. “Ngoku ndiza kufunda ukufunda. Ndiza kufunda ukubhala. Kodwa ngokunjalo ndiza kucula kwaye ndidanise!”

Baye bonke abahlobo abatsha bakaSindi badanisa naye, ngolu hlobo izilwanyana ezazenze ngalo. Baqhweba izandla baculela isingqi sakhe.



